basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2014**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-19.**

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

### *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Kwintshayelelo angaxela umxholo nendlela ozalana ngayo nesihloko. Angawuchaza ngolu hlobo:

Umxholo weli bali uthi ebomini kuba mnyama kuphinde kube mhlophe. Umbhali wale ncwadi usebenzise umlinganiswa onguMpumelelo ukuvelisa lo mxholo.

- Isihloko sencwadi esithi, 'Kusa Kusihlwa' sibonisa ukuba kusile kuba bonke ububi uboyisile uMpumelelo, waphumelela phantsi kwalo mayelenqe kaNozililo neqela lakhe.

  Kwisiqu kulindeleke ukuba umfundi abonise ukungqamana kwesihloko esithi kusa kusihlwa nomxholo ochazwe ngentla.

- UMpumelelo uzibona esengozini yemoto kunye nabazali bakhe athane mandla nentlwathi imlambele kodwa asindiswe kuyo ngumlilo wemoto egqabhukayo ngenxa yodubulo ngeli xa itshayo.
- UMpumelelo uzibona esemnyameni, litshone emini kuye, eshiywe ngabazali eneminyaka elishumi elinesithandathu kwingozi yemoto betshe ebajongile, kuhlwe.
- Obu bumnyama akubo bude buphazamise ingqondo nomphefumlo wakhe emva komngcwabo angenwe bubuphakuphaku ade abe ngathi uyaphambana.
- Ngenxa yokuphakuzela, uyonzakala kakubi entloko ebaleka, othuswe ngumlilo obusitsha ethafeni, ekwakucelwe amakhwenkwe esinala ukuba aye kuwucima
- Utshintshelwa kwisibhedlele iGroote Schuur ahlale iinyanga enyangwa ulwantwentwe lwengqondo, afumane nonyango kwezengqondo nolomphefumlo kwisibhedlelana esikwalapho aphile qete kuvele ukukhanya.
- Kukhanya ngakumbi akufumana abantu abamkhathaleleyo abanguYolisa noNdoyisile kwelo Kapa abamlungiselele ukuba enzelwe igazi waze uNdoyisile wambonisa iKapa. Olu lonwabo luphelelela kumlo eGugulethu apho uMpumelelo azibalula ngokulwa kuse ngokuthi agoduke kwintsasa elandelayo.
- Kuyahlwa ngokuthi emva komngcwabo uNozililo athumele ootsotsi ukuba baqhekeze kwivenkile yakuloMpumelelo kubiwe iimpahla ezixabisa amaR3500 kungabikho nomkhondo.
- Uyaphinda athumele ootsotsi ukuba batshise le venkile yakuloMpumelelo kuse ngokuba babhaqwe besaqala.
- Kuyasa ngokuthi amawabo axhele ibhokhwe kungxengxezwe kumawabo kubulelwa ngokusindiswa kwakhe, kuze emva koko enzelwe isiko lokwaluka.
- Ubuyela eBlysthwood, aphumelele emagqabini kwimatriki ngakumbi kwiMathematika neSayensi kuse. Wenza izifundo zobugqirha eWentworth, aphume phambili nalapho kube kukukhanya oko.
- Kuyasa ngokuthi afumane iskolashiphu seminyaka emithathu aye eFort Hare aye kufundela ubuGqirha, kukhanye ngakumbi xa ehlangana noThembisa ogqibela eyinkosikazi yakhe.

- Uya eLiverpool uyokwandisa imfundo yakhe. Ephesheya enjalo uzibona efuthaniseleke kumlo wama-Arabhu namaSirayeli asinde cebetshu.
- Ukubuyela kwakhe ekhaya kwitheko lakhe alenzelweyo uhlaselwa ngootsotsi abathengwe nguNozililo kodwa asinde ngokuthi kuhlatywe omnye utsotsi.
- UNozililo umthengela ootsotsi ukuba bambulale nalapho uyasinda kufa umtshana kaNozililo.
- Unyanga isigulane esincanyiweyo abe yindumasi kuse.
- Sele ebizwa kwizibhedlela ngezibhedlele zeendawo ngeendawo xa kuza kwenziwa utyando lwamathambo entloko nolwantwentwe lwengqondo.
- Emva kwetyala, akube uNozililo engakhange afunyanwe tyala , kutshiswa indlu kaNozililo aze unyana kaNozililo ashiyeke yedwa nanjengoko noMpumelelo eshiyeke yedwa engenabazali.

Angavala ingxoxo yakhe ngokuveza ukungqamana komxholo, isihloko kwakunye nobom babantu gabalala. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

2.1 2.1.1 Mnye.√ (1)

2.1.2 Yivenkile.√ (1)

2.1.3 Utyoboze imoto kaLungile yomsebenzi.√ (1)

2.1.4 Ufuna afikelele kwimfundo enomsila√/ephakamileyo.√ (1)

2.1.5 Kukuphathwa kakubi nguNomakhwezi.√ (1)

2.1.6 Emva kokuba ubawo omkhulu wamvelelayo uLungile yahamba kakuhle ivenkile yakhe.√√ (2)

2.1.7 Abonisa ukuba uNomakhwezi ngumntu okrwada, okhohlakeleyo noneqwakaza.√√ (2)

2.1.8 Nabu ubutyebi bakwaNtsibande namhlanje bujinga buza kutsityelwa ngamaxhwili.√√ (1)

2.1.9 Ebexabene noLungile emtyhola ngokuthandana. √√ /kukuva ukuba uLungile ebehleli nentombi ehotele.√√/kuba ebexelelwe nguNozililo ukuba uLungile ebehleli ehotele nentombi.√√ (2)

2.1.10 Ngumlinganiswa olibhetyebhetye kuba uva ngoNozililo kuyo yonke into ayenzayo koku kufuna kwabo ivenkile yakwaNtsibande.√√ (2)

2.1.11 Umzi wakwaMakhwetshu watsha waphela, uNozililo noNtongana batsha apho basweleka uMalungisa washiyeka engenabazali engenalo nekhaya.√√ (2)

2.1.12 Yinyani, kuba uzenze umhlobo kaNomakhwezi kanti uneenjongo ezikhohlakeleyo zokumxabanisa nendlu yakhe.√√ (2)

**ISICATSHULWA B**

2.2 2.2.1 ... uvuyo.√ (1)

2.2.2 Yeyokufika kukaMpumelelo.√ (1)

2.2.3 NguYolisa.√ (1)

2.2.4 Wayefunda khona√/kukho abahlobo bakhe abaphaya.√ (1)

2.2.5 Lubaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√ (1)

2.2.6 Wayefuna bazi ukuba uMpumelelo ufika nini.√ (1)

2.2.7 Ungumntu othandwayo ngabantu√/uthandwa ngabantu abaninzi.√ (1)

2.2.8 Owokuba uMpumelelo aze angayiyeki imfundo, naphantsi kwayiphi na imeko.√ (1)

2.2.9 Uxelela uMpumelelo ukuba phambi kokuba aphangele makenze umbulelo, athathe amathamsanqa kooyise kuba bemgcinile wade wagqiba ukufunda.√√ (2)

2.2.10 Wayesithi usabela ubizo lwakhe√/Uthanda ukuya kusebenza apho uyise azalwa khona√/uthi inkaba yakhe iyamxelela ukuba ubizo lwakhe luphaya.√ (1)

2.2.11 Imfundiso yokuba abanye abahlobo abathembekanga bayakwazi ukwenza ngathi bayakunceda kanti bayakwenzakalisa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.12 Kungokuba wayesazi ukuba izizalwane zotsotsi owafayo ngomhla wokutshiswa kwevenkile zabanengqumbo nenzondo ngakuNozililo. √√ (2)

2.2.13 Ubemane emxelela iindaba ezingeyonyani ngomyeni wakhe ukuze baxabane, umzekelo, umxelele ukuba uLungile ubehleli ehotele eThekwini nentokazi. √√ (2)
**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

Kwisincoko sakhe umfundi kufuneka abonise ukuhambelana kwesihloko sencwadi nomxholo wayo. Oku ukwenza ngokuvelisa ezo meko zithe zifihliwe nje zasuka zavela.

Kwintshayelelo umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Phambili kule noveli uLinda ubekwa izityholo kwityala lokubulawa kukaEddie. Siveliselwa ukuba akukho nto ifihlakala kuphele ngokuthi kwenzeke ezi zehlo zilandelayo.

Kwisiqu umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- ULinda Monti ubekwa izityholo zokuba ngumbulali. Oku sikubona xa uLinda Monti ebandakanywa kwisenzo sokubulala isithandwa sakhe uEddie Maga ngokuthi ale ukuhamba naso ukuya kumboniso bhanyabhanya.
- ULinda ubandakanywa nokufa kukaEddie noLulama ngenxa yeleta ayibhalele uEddie emkhululela kwesi sithandwa sakhe sesibini kwakunye namazwi awabhekise kuye ngomnxeba. Usolwa ngokubulala kanti ke yena ubhale nje ileta wathetha noEddie emnxebeni, waya kwaMamKheyi ngelicima iintsizi ngotywala angabuqhelanga. Kanti nabo buya kumqamangela ngokweembono zabacuphi. Kunjalo, kufumaniseke ukuba inenekazi elingene eRio ngala mini yokufa kukaEddie ibe nguThembisa Ntlokonkulu lo uveliswa yitape recorder,kwaye ikwangulo Thembisa ofunyaniswa elinenekazi lesibini ukuba nedyasi efana nekaLinda kwiMonti liphela.
- Inenekazi elingena e*Rio Cinema* linxibe ibhatyi emfumamfuma efana nekaLinda lize liphinde liphume kufumaniseka ukuba asingoLinda koko nguThembisa Ntlokonkulu, njengoko bekukholelwa.
- Ivolovolo kaLinda eyi.38 *automatic* edubule Eddie kufumaniseke ukuba, eyifumana kwingxowa kaLinda nje uHlobo, ibikhe yalahleka kwaye inyengeziwe ngale mini ayifumana ngayo uHlobo, kuba kwaLinda lowo ebengekayiboni ukuba ikwingxowa yakhe. Kuyavela ke njalo ukuba abantu abanokuyithatha ngaba bafumaniseke bengababulali bakaEddie.
- Kwindawo adutyulelwe kuyo uEddie kubonakala umtshithi owenziwe ngamavili azii*Roadmasters*, abandakanywa noLinda kanti noThembisa ufunyenwe ukuba usebenzisa kwala mavili azii*roadmasters*.
- Kuyafumaniseka ukuba inenekazi ebelizenza inkosikazi yakwaHobe ikwangulo Thembisa, kwaye uzenze uNkosikazi Hobe ongasekhoyo kwakweli limagad'ahlabayo. Unokuba wayefuna ukufumana elo lifa lalishiywe nguEddie.
- Kuvela ukuba isizathu sokufa kukaEddie noLulama asinanto yakwenza nothando lwabo noLinda koko sinento yokwenza nokwahlukana ngeenjongo zokusebenza *kweMoonglow Night Club*.
- Iqumrhu elilawula i*Moonglow* alazeki ukuba liziintlaba zahlukane de kuvele ubungqina obuziswe yi*tape recorder*.
- Kuvela ukuba i*Moonglow* ishishina ngentsangu kwaye intsusa yentsangu nayo ifumanekile.
- UHlobo naye owakhe umqolo uye wavela ukuba akaliphandisisanga ityala waza wavezwa ligqwetha likaLinda phofu naye wasivuma eso siphene.

- UHlobo kuphando lwakhe ufumanisa ukuba kukho i*tape recorder* ekwibhanki yogcino-mafa eyabekwa apho nguEddie phambi kokuba asweleke.
- Kuyavela ukuba abaphathi base*Moonglow Night Club* ngabo ababulele uEddie. Aba ngabantu abandilisekileyo nababezibiza ngokuba bangabahlobo bakaEddie. Bekuthi naxa bethetha ubone ukuba ngabantu abamhloniphileyo nabamthandayo uEddie kanti abathethi loo nto.

Angavala athi:

Isihloko esithi, 'umqol'uphandle' siveza ukuba akukho nto ifihlakala kude kuphele izenzo ezenziwa emnyameni zihamba zihambe zidandalaziswe zibonwe elubala. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 4.1 | 4.1.1 | Yayikukuba wayebone kwiphephandaba iindaba zokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√ | (1) |
| | 4.1.2 | ...esisibingibingi.√ | (1) |
| | 4.1.3 | Ungumcuphi. √ | (1) |
| | 4.1.4 | Uzama ukubonisa imeko embi abaphila phantsi kwayo abantu bakuTsolo.√√ | (2) |
| | 4.1.5 | C. Yeyangaphakathi√/ C. √/ Yeyangaphakathi.√ | (1) |
| | 4.1.6 | Bobokuba uLinda wayekwaMamKheyi esela utywala√√/bobokuba uLinda wayesendlwini yakhe elele√√/bobokuba uLinda wayelele kwakhe.√√ | (2) |
| | 4.1.7 | Babefuna ukumthoba isidima ngokumhlazisa esitratweni ukuba uyasela njengokuba abantu bemcingela bhetele nje. √√ | (2) |
| | 4.1.8 | Izikhalo zabantu bephepha iimoto neebhasi eziqhutywa ngaphandle kwenyameko√/izikhalo zabantu bephepha iimela, iintshuntshe √/izikhalo zabantu bephepha amabhunguza iimbokodo, amazembe, neevolovolo.√<br><br>[Nasiphi isibini kwezi] | (2) |
| | 4.1.9 | Luxanduva lukaRhulumente√/lukaMasipala√/lwabantu bezopolitiko√/lwabahlali.√ | (1) |
| | 4.1.10 | Bubungqina obavezwa yi*tape recorder* bokuba uEddie wayengahambisananga neenjongo zeqela lase*Moonglow* .√√ | (2) |
| | 4.1.11 | Kwabanjwa uThembisa Ntlokonkulu, Themba Mdoda, Khulile Dungana noWelile Nzulube√√/kwabanjwa abaphathi baseMoonglow. √√ | (2) |
| | 4.1.12 | Kungokuba wayengunobuhle wodumo.√ | (1) |

## ISICATSHULWA B

4.2 4.2.1 "Wamkelekile Lulu, sithandwa".√ (1)

4.2.2 Sikunika umfanekiso womntu ophakame ngokukhawuleza.√ (1)

4.2.3 Baye eRio Cinema√/eRio√/ebhayaskophu.√ (1)

4.2.4 Kungokuba wawuboniswa okokugqibela lo mboniso.√ (1)

4.2.5 Uthi uLinda usisigulana√/uthi uLinda ufunyenwe yingqele√/uthi akaphilanga.√ (1)

4.2.6 ULulu umhlonipha kuba enengeji kaEddie.√ (1)

4.2.7 Yinyani, kuba uLulama wambuza uEddie ukuba uphi uLinda umntu wakhe.√√ (2)

4.2.8 Kungokuba yayiqulethe ubungqina bokuba uLinda wathi uEddie makaphume nesinye isithandwa sakhe sesibini, obuza kumnceda kuphando lwakhe.√√ (2)

4.2.9 Buncede ekubeni kufunyanwe abona babulali.√ (1)

4.2.10 Nguye oxelele uHlobo malunga ne*tape recorder* eyayibolekwe nguEddie√√/nguye nowanika inkcazo ngenenekazi elangena eRio Cinema umboniso sele uqalile.√√ (2)

4.2.11 Ungumcuphi ophume izandla kuba uye wayivuma impazamo yakhe waqalela ukuphanda.√√

**OKANYE**

Akanguye umcuphi ophume izandla kuba uye wabamba uLinda engenabungqina obupheleleyo bokuba ungumbulali kaEddie.√√ (2)

4.2.12 Babekhangeleka bonwabile, bedlamkile besebenza ngenkuthalo nangentumekelelo kwabo baziindwendwe.√√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

### *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Kwintshayelelo umfundi angachaza umxholo womdlalo ewungqamanisa nesihloko ngokuthi:

Isihloko sencwadi siwuchaphazela umxholo ngokuba sibonisa ukuba umntu oneenkani uyayekwa okanye inkomo enotshobo ayinqandwa. Isihloko sale ncwadi sithi ‘Ndiyekeni’ oko kungqamene noMawonga xa ebuzwa ngumntakwabo nonina ngokungena etywaleni alibale nendima afanele ukuyidlala endlwini yakhe njengomyeni notata wabantwana. Ubaphendula ngamazwi athi , ‘Ndiyekeni’.

Kwisiqu kulindeleke ukuba umfundi abonise ukungqamana kwesihloko esithi ‘Ndiyekeni’ nomxholo ichazwe ngentla.

- UMawonga uyinqununu yesikolo iNobutho Higher Primary School ungena etywaleni nasekuthandaneni noZanele.
- Ungeniswa nguNdila obeziphindezela kuba ebegxothwe eNobutho, yena akayiboni lo nto uzibona engena elonwabeni.
- Ungena aphelele etywaleni, ezithengela ngokwakhe. Ulala kwaFuneka kuZanele, engakhathalele kugoduka.
- Ulonwabo kuMawonga lodlula yonke into esebomini bakhe, ulibala ngosapho lwakhe kunye nomsebenzi. Oko kungqinwa ngamazwi akhe athi kuZanele amehlo akhe akagqobhozi kuye kobanjalo kude kufiwe.
- Uqongotha yonke imali yakhe ethengela uZanele impahla yendlu engafuni mbuyekezo efuna nje ukuba uZanele ahlale naye ngonaphakade.
- Endlwini yakhe umfazi wakhe, uThandiwe uxakana nento, indoda ibuya inxilile okanye ingabuyi ngamanye amaxesha. Ayimhloniphi umfazi, kunqabe nokuba imnike imali njengangaphambili.
- Uyanyamezela umfazi enethemba lokutshintsha komyeni wakhe. Sekudlule iminyaka emihlanu, endaweni yokuba atshintshe imeko iya phambili.
- Imeko yakhe uThandiwe uyibika kubahlobo bakhe abamcebisa ukuba abethe umntu osendleleni yakhe. Uyala ngelithi sele ebize umkhuluwa kaMawonga umfundisi uRay.
- Umfundisi uRay nonina kaMawonga uNomasoka bathetha noMawonga malunga nokonakala kwakhe.
- Uyacikoza xa exelelwa ngokuba ubomi ebe ebuqale kakuhle, uthi '… nomlambo usuka elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeze iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiyekeni.'
- Akanaxesha likanina nelikaRay neengcebiso zakhe kuba usathinjwe lulonwabo. Uthi mabamyeke yena engabacengi de aphoxise ngoRay athi makaye kushumayeza abantu phandle amyeke yena.

Kwisiphelo umfundi angathi: isihloko somdlalo singqamene nomxholo kuba lo mntu oneenkani onganqandekiyo onguMawonga uyancanywa ngumkhuluwa wakhe nonina. Akabamameli ubashiya apho bethetha naye engenaxesha le nto abayithethayo ebabona bemphazamisa ekonwabeni kwakhe. **[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA A

6.1 6.1.1 Esikolweni eNobutho√/eofisini yenqununu.√ (1)

6.1.2 Uyayazi ukuba bacatshukiswa kukunxila kukaNdila abe yena emkhusela uNdila.√√ (2)

6.1.3 Ilungelo likaLiziwe lokufunda.√ (1)

6.1.4 Ubonisa ukuba lo mcimbi kaNdila ubakruqule.√ (1)

6.1.5 UMawonga wayengafuni ukunqandwa kwiimpazamo zakhe . √√ (2)

6.1.6 Unocalucalulo ngakumabhinqa√/akalufuni engalwamkeli utshintsho.√ (1)

6.1.7 (a) C√
(b) A√ (2)

6.1.8 Akayonkokeli yokwenene √ kuba akabaniki thuba abantu baveze izimvo zabo.√ (2)

6.1.9 Owokugxothwa kootitshala abanxilayo.√√ (2)

6.1.10 Saba kukurhoxa kukaNdila emsebenzini.√ (1)

## ISICATSHULWA B

6.2 6.2.1 Weliso.√ (1)

6.2.2 Ibonisa ukuba ungumntu ongenamonde.√ (1)

6.2.3 Ukumwisa uMawonga abe linxila√/ukugxothwa kukaMawonga emsebenzini.√ (1)

6.2.4 Ayibubo ubudlelwane benene√, kuba wavuma ukusetyenziswa nguNdila noFuneka ukuwisa uMawonga.√ (2)

6.2.5 Ufuna ukuba lela nxila lincanyiweyo njengoMawonga.√√ (2)

6.2.6 Akusekho mntu apho.√ (1)

6.2.7 Unabo ubuntu novelwano.√ (1)

6.2.8 Niyakumosha ukonwaba kwethu kwimpumelelo yokuwisa uMawonga esihlalweni.√√ (2)

6.2.9 Wafa uMawonga babanjwa uNdila, uFuneka noZanele.√ (1)

6.2.10 Akusekho mntu apho.√ (1)

6.2.11 UMawonga bumgqibile utywala.√
UMawonga ubhubhile√/uswelekile.√ (2)

6.2.12 Wayelahlwe nguNdila, Funeka noZanele bakumfumana efile phantsi kwebhedi kaZanele.√√ (2)

6.2.13 Kungokuba ukholelwa ukuba nguMawonga owamgxothisa emsebenzini .√ (1)

6.2.14 NguMawonga√ kuba uNdila wabanjwa wagwetywa ngesenzo angasenzanga.√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

## NGUMNTU ONJANI LO? – LL Ngewu

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Kwintshayelelo umfundi angachaza umxholo webali ewungqamanisa nesihloko ngokuthi:

Umxholo weli bali uthi, umntu ngumntu ngabantu okanye izandla ziyahlambana. Isihloko seli balana esithi ngumntu onjani lo, singqamene nomxholo webali kuba singumbuzo obuzwa kaninzi ngenxa yesimo somlinganiswa onguManduleli kweli bali, esicaca ngomhla womngcwabo wakhe.

Kwisiqu kulindeleke ukuba umfundi abonise ukungqamana kwesihloko esithi 'Ngumntu onjani' nomxholo achazwe ngentla.

- Isihloko singumbuzo obuzwa kaninzininzi apha kweli bali ngenxa yemeko engentlanga ecaca ngomhla womngcwabo kaManduleli.
- Ungcwatyelwa kwindlu ebonakala ukuba lowo ebeyityabeka ebesenza nje into angayihoyanga, kwaye loo nto isenziwa ngemizuzu yokugqibela, kuba naye ebengakhathali kwaye engakhathalele mntu ngexa ebephila.
- Ngexesha kuqhutywa umngcwabo amadoda amaninzi akananzanga nto, ahleli ngasesibayeni, oku kubonakalisa ukungakhathaleli kwawo lo mngcwabo.
- Ebuhlanti abafana nabo abanaxesha lamngcwabo, baxakeke kukoja imibengo.
- Kwalapha kukho namakhwenkwe nto leyo ingaqhelekanga emngcwabeni. Wona aze kuncwasa ukusikelwa inyama ngathi kusesisuseni.
- Itafile esenkundleni igqunywe ngelaphu elishwabeneyo, nto leyo ebonisa ukungabikho kwenkathalo, kuba umfi lo ungcwatywayo ebengelo ncedo mntwini.

- Umfundisi ngoku sele eqhuba umana ukubuza ukuba kanti ngumntu onjani lo aze kumngcwaba. Lo mbuzo wakhe uwubuziswa kukubona ukungakhathali kwabantu nokunganiki kwabo isidima nentlonipho kulo msebenzi kaManduleli.
- Izithethi ebezithetha kwintetho yazo akuvakalanga ukuba uManduleli lo wayekhe wenzela mntu nto, nto ekhankanyiweyo ligquba labantwana nabafazi abahlanu, amane kuwo akholwa yeyokosa.
- Ngexesha lokufundwa kweenkatha, azibanga kho kodwa kubekho abafana abatshintshiselene ngofundo lweenkatha ezingekhoyo. Loo nto ibonakalisa ukungakhathalelwa komfi kuba naye ebengenzeli mntu nto.
- Uthi umngcelele womngcwabo sele ugqitha ngasesibayeni, amadoda angavakalelwa axakeke yinyama, nabafana baxakeke kukophula inyama.
- Xa kukhalinywa esi senzo, ixhego lakwaPhungulwana liphendula ngokuchaza ukuba uManduleli akukho nto wakha wayenzela mntu, engazange ahambe namngcwabo wamntu.

- Xa kufuneka kuditywe umngxuma wengcwaba, kudiba amaxhego ambalwa, abafana bekho bengahoyanga kuba uManduleli ebengakhathalele mntu.
- Phezu kwengcwaba, uyaphinda uvele umbuzo kumfo kaNgxabane wokuba lo mntu unguManduleli ube ngumntu onjani. Impendulo ibuye isithi ebeyindoda nje kuba enxiba ibhulukhwe.
- Kuthi sele kugqityiwe ukungcwatywa, lishiyeke ingcwaba lingagqunyelelwanga kakuhle, kuba amadoda nabafana bengahoyanga.
- Abantu benkonzo nabo bathi bakudibana nenyama, bathethe phandle bexelela umfundisi ukuba umfi lo bekungekho yakhe.
- Umfundisi, akuva ukuba lo mfo acelwe ukuba aze kumngcwaba ebengeyo nto, uyakhalala emke, kuba olo lwazi engaluxelelwanga phambi kokuba aqhube inkonzo.

Kwisiphelo umfundi angathi: isihloko sebali singqamene nomxholo webali kuba umbuzo othi, ngumntu onjani lo, uzingile ebalini kuba indlela abeziphethe ngayo uManduleli, ishiya umbuzo wokuba ebengumntu onjani xa aza kuthi ephila nabantu alibale ukuba umntu ngumntu ngabantu apha ebomini. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMNTU AKALAHLWA – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA A**

8.1 8.1.1 Iinkomo zakhe ezininzi wayebambise ngazo kuyo yonke ilali yaseThembeni√√ (2)

8.1.2 Kwinqanaba lengabula-zigcawu√/kwinqanaba lentshayelelo.√ (1)

8.1.3 '... abantwana bakhe babethande ukuhleleleka nokudlakazela phakathi kwabanye abantwana.'√ (1)

8.1.4 UTyhobeka wayehlala eTsilithwa√/eTsilithwa.√ (1)

8.1.5 Wayecinga ukuba ezo ntombi zakhe ziza kwenda ze afumane iinkomo yena.√√ (2)

8.1.6 Akaphikisani nendoda yakhe kwisigqibo sayo sokugxotha abantwana√√/ uyekele endodeni yakhe ukuba isithathe yodwa isigqibo ngesohlwayo sabantwana babo njengentloko yekhaya.√ √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.7 Unomqolo√ kuba uyakwazi ukumelana neemeko ezinzima√/ unenkathalo√kuba uye wazimisela akajika ekuzameni ukuba abantwana bakokwabo baphumelele nakuba wayesokola.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.8 UMathidala ebeza kubanjwa.√ (1)

8.1.9 Ngokwenza ukuba uMathidala akhuphe uThandile esikolweni esiba uyamohlwaya kanti uThandile sele egqibile ukufunda.√ √ (2)

8.1.10 Ungumntu ompheka emophula umntu ngemibuzo efuna ukuva ingcombolo yonke√√/akamkeli nantoni na ayixelelwayo de aneliseke√√/ungumntu okholwa kukuyiqondisisa into.√ √ (2)

8.1.11 Yayingalunganga kuba abanakohlwayelwa impazamo abangayenzanga eyenziwe ngomnye umntu.√ √ (2)

**ISICATSHULWA B**

8.2 8.2.1 Ibisondla usana lwayo, ixhasa oodade bayo ababini, uNomtha noNobesuthu abangaphangeliyo.√ (1)

8.2.2 Wayesebenza esikolweni eMpheko√/esikolweni√/eMpheko.√ (1)

8.2.3 Kukunkqonkqozelwa zizibhongobhiyane zamakhwenkwe angenasimilo√ nokujweda kweentsana.√ (2)

8.2.4 Sisigqibo sokuba zakugoduka mhla kufiwe√/sisigqibo sokubuyela ekhayeni lazo. √ (1)

8.2.5 Kukuba babeza kuxhomekeka kuye kanti nezo ntsana zabo zakuzalwa zazizakuba luxanduva lwakhe.√ √ (2)

8.2.6 Lingqinelana ngokuba bathi benekhaya bahambe behlala okwabantu abangenamakhaya.√ √ (2)

8.2.7 Uluvo lukaTyhobeka luthi umntwana uyaphazama, angxoliswe kuloo mpazamo yakhe, angade agxothwe.√ √ (2)

8.2.8 Babona ubunzima kwelo khaya lakwaTyhobeka.√ (1)

8.2.9 Sesokuphumelela kukaNomtha noNobesuthu babeziititshalakazi, baphangele.√√ (2)

8.2.10 Bendiza kucaphuka√√/bendiza kudana kuba isohlwayo sam singabanga nasiphumo ebendisifuna. √√

**OKANYE**

Bendiza kuvuya kuba ekugqibeleni bangabantwana bam.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.2.11 Ubomi ngumzamo√/ekunyamezeleni kukho umvuzo√/kuqala kube mnyama xa kuza kusa.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

9.1 9.1.1 Yisonethi.√

9.1.2 indlela eliphila ngayo.√

9.1.3 uvakalelo lwembongi ngobuhle bebhabhathane.√√ (1½)

9.2 Nal'ibhabhathane libhabha bhabha.√ (1)

9.3 Itsho kuba ilibona lindanda ngodlamko.√√ (2)

9.4 Lidl'amacwaka ngeli xa iintaka zitsholoza.√√ (2)

9.5 Kumathafa.√ Kumagcume.√ (2)

9.6 Bugubungela umphefumlo wakhe√√/lanez'umxhelo.√√ (2)

9.7 Kukoyiswa.√ (1)

9.8 Sifundiswa ukuba akukho mfuneko yakwenza ngxolo ukuze uqapheleke√√/ abanye abantu bayaqaqamba ebomini bengakhange bade baphakamise lizwi okanye bazigwagwise.√√ (2)

9.9 Ngenxa yendlela ethabatheke ngayo nenomqaphela ngayo ngezinto zasendalweni, de aliqaphele intlalo yalo nezimbo zalo.√√/indlela akhetha ngayo amagama kumqolo we-9.√√ (2)

9.10 Isimntwiso.√ Ibhabhathane lihle ukudlula intyatyambo.√ (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

10.1 A. Ngendlela uRharhabe awafumana ngayo umhlaba okwiNtaba kaNdoda√/A√/ngendlela uRharhabe awafumana ngayo umhlaba okwiNtaba kaNdoda.√ (1)

10.2 Kuthiwa ngabantu beBala.√ (1)

10.3 Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo.√ (1)

10.4 Wayebaleka ukungahlalisani kakuhle nomntakwabo uGcaleka.√ (½)

10.5 Ewe. Yindlela elungileyo, kuba ngeliya xesha ezimbalini umhlaba wawufunyanwa ngokuwulwela√√/ Kudala umhlaba ongenabani wawuthathwa nangubani kuze kuliwe ngawo athi ke owoyisileyo awuthathele kuye. √√

**OKANYE**

Hayi. Asiyondlela ilungileyo, kuba zikho iindlela ezisemthethweni zokufumana umhlaba ezifana nokuwuthenga ngeenkomo kungadanga kwabhenelwa kwizikhali.√√ (2)

10.6 Yathengwa ngegazi kuba kwabakho imfazwe ukuze ifumaneke intaba kaNdoda√/umqolo wama-23 uthi laphalala lisisantyalantyala igazi. √ (1)

10.7 Weliso√ (1)

10.8 Usixelela ukuba abaThwa ngamagwala.√ (1)

10.9 Kwaliwa kwakhona kuhlaselwa amaXhosa√ (1)

10.10 Wancedakala√, kuba wawufumana umhlaba√/kuba wagqibela ungowakhe umhlaba√. (2)

10.11 Sesokugqibela√/Sisitanza se-9√ (1)

10.12 10.12.1 B√/Isitanza sesi-5 √

10.12.2 A√/Isitanza sesi-7√ (2)

10.13 Yimvano-siqalo.√ (1)

10.14 Sisihlonipho.√ (1)

10.15 Abonakalisa ukuba kwakuphilwa ngokulima.√ (1)
**[17½]**

**OKANYE**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

| | | |
|---|---|---|
| 11.1 | B.Usichazela ngentyatyambo√/B√/usichazela ngentyatyambo.√ | (1) |
| 11.2 | Kulapho zifumaneka khona iintyatyambo.√ | (1) |
| 11.3 | Umqolo 5√/Aph'umnt'angakha khona.√ | (1) |
| 11.4 | Ubumnandi√/ukonwaba.√ | (½) |
| 11.5 | Yakhiwe ngamagama amane kumqolo ngamnye.√√ Kusetyenziswe imvano-siqalo.√√/Amagama amane ekwakhiwe ngawo anamalungu alinganayo ngobude.√√ | (2) |
| 11.6 | Yonwabile.√√ | (2) |
| 11.7 | Kumantombazana√/kumabhinqa asematsha√/kumabhinqa aselula.√ | (1) |
| 11.8 | Iinyamakazi zidla ubuncuthu.√ | (1) |
| 11.9 | Intyatyambo intle kwaye iyonwabisa ngobuhle bayo.√√ | (2) |
| 11.10 | Mabangayibulali kuba iyonwabisa ngobuhle bayo.√√ | |
| | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] | (2) |
| 11.11 | Iyabuna√/iyaphelelwa bubuhle bayo√/ezinye zibiza izulu√/ezinye ziyabagubhula abantu√/ezinye zenza iingxaki zeempumlo.√ | (1) |
| 11.12 | Sisimntwiso.√ | (1) |
| 11.13 | NguMbo nomXesibe.√√ | (2) |
| | | **[17½]** |

**OKANYE**

## UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12.1 | 12.1.1 | ... sonethi√ | |
| | 12.1.2 | ... isazela√ | |
| | 12.1.3 | ... italente√ | (1½) |
| 12.2 | Nakubani ongasebenzisi italente yakhe√√ | | (2) |
| 12.3 | B abba√/B√/abba.√ | | (1) |
| 12.4 | 12.4.1 | B√/imiqolo ye-9 ukuya kweye-12.√ | |
| | 12.4.2 | C imiqolo 1-8√/C√/imiqolo 1-8.√ | (2) |

12.5 Anyanisile kuba ubani nobani angasebenzela ukuba abe nento entle ayishiya esizweni.√√

**OKANYE**

Awanyanisanga kuba umntu kulindeleke ukuba azisebenzele.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

12.6 Sisikweko.√ (1)

12.7 Ngokusebenzisa amagama amahlanu kumqolo ngamnye.√√ (2)

12.8 Ukubhala iincwadi√/ukwenza amacwecwe omculo√/ukwenza imizobo ngembali√/ukufundisa abanye ngesakhono sakhe.√

[Nasiphi na isibini kwezi] (2)

12.9 Kukuba isizwe singabi sosizwe sabangqibi√√/yimisebenzi emihle isizwe esinokuxhamla kuyo.√√ (2)

12.10 Inxunguphele√/ikhathazekile.√/ Kuba ithi ayikwazi ukuthetha ngobomi bayo ngeqhayiya√ (2)

**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

**ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI**

## Qaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

| ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU | | UMXHOLO [25]<br>Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo. | ULWABIWO LWAMANQA KU | ISAKHIWO NOLWIMI [10]<br>Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo.<br>Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala. |
|---|---|---|---|---|
| **Ikhowudi 7**<br>**80–100%** | **Kugqwesile**<br>**20–25**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo.<br>- Isincoko siphuhlile. (90+ ukugqwesa kwesincoko).<br>- Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi.<br>- Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. | **Kugqwesile**<br>**8–10**<br>**amanqaku** | - Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo.<br>- Intshayelelo nesiphelo zigqwesile.<br>- Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile. |
| **Ikhowudi 6**<br>**70–79%** | **Kuphakamil e**<br>**17½–19½**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko.<br>Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo.<br>- Isincoko sicacile.<br>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu. | **Kuphakamile**<br>**7–7½**<br>**amanqaku** | - Isincoko sakhiwe kakuhle.<br>- Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka.<br>- Izimvo neengcinga zilandeleka lula.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko.<br>- Isinikezelo sihle. |
| **Ikhowudi 5**<br>**60–69%** | **Kuphakathi**<br>**15–17**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko.<br>- Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe.<br>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. | **Kuphakathi**<br>**6–6½**<br>**amanqaku** | - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelelana ngokufanelekileyo.<br>- Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle.<br>- Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle. |
| **Ikhowudi 4**<br>**50 – 59%** | **Kuyanelisa**<br>**12½–14½**<br>**amanqaku** | - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo.<br>- Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo.<br>- Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. | **Kuyanelisa**<br>**5–5½**<br>**amanqaku** | - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo.<br>- Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo.<br>- Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo.<br>- Imihlathi ithande ukuchaneka. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Ikhowudi 3 40–49%** | **Kuzamekile 10–12 amanqaku** | - Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo.<br>- Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci kakhulu.<br>- Izimvo aziphuhlanga kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi.<br>- Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi. | **Kuzamekile 4–4½ amanqaku** | - Uyilo kunye/okanye isakhiwo zixazalala.<br>- Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo.<br>- Imihlathi ixazalala.<br>- Kukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>- Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo. |
| **Ikhowudi 2 30–39%** | **Kunzinyana 7½ –9½ amanqaku** | - Akasilandeli tu isihloko.<br>- Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni.<br>- Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi.<br>- Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. | **Kunzinyana 3–3½ Amanqaku** | - Ukulandelelana kakuhle kwezimvo kuchatshazelwa lubhalo oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswanga kakuhle.<br>- Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu. |
| **Ikhowudi 1 0–29%** | **Kunzima 0–7 amanqaku** | - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile.<br>- Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi.<br>- Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. | **Kunzima 0–2½ amanqaku** | - Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe.<br>- Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo.<br>- Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano.<br>- Ulwimi lufe amanqe.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. |